



Ikamva-Ukunonophela
abantwana bethu

Isiqinisekiso 1

**Isihloko sesifundo: Ukuqala ukubakho kweBandla eliTsha
lobuPostile**

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya



Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiQinisekiso esithi “**Ukuqala ukubakho kweBandla eliTsha lobuPostile**”

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	<p>Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS</p>
2.	<p>Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neependulo, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongezwayo / sisixhobo esongezelwayo sokuzikhethela • ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso) <p>Qaphela:</p> <p>2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa.</p> <p>2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45.</p> <p>2.3: Isifundo seseklasu ngaye (Isiqinisekiso 1).</p> <p>2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekiso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.</p>
3.	<p>Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.</p>



Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. Umzekelo: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Ndiyafuna Uku...)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).



Isifundo

Isihloko seSifundo

Ukuqala ukubakho kweBandla eliTsha lobuPostile

Injongo yesifundo

Abantwana bafunda ngendlela elabakho ngalo iBandla eliTsha lobuPostile - isebe elitsha lomsebenzi kaThixo limiselwa.

Isishwankathelo sesifundo:

Namhlanje sizokwaziswa ngendlela elaphuhla ngalo Bandla eliTsha lobuPostile phantsi kwezi zihloko zilandelayo:

- Ukubizwa kwabapostile eJamani,
- Ukubakho kweBandla eliTsha lobuPostile no
- Mpostile uPreuss.

Intshayelelo:

- Abapostile baseBhritane babengavumi ukwamkela ubizo lwabaPostile abaninzi.
- Aba baPostile babenoluvo lokuba ngabaPostile abalishumi elinambini kuphela abaya kusebenza ngexesha lesiphelo.
- Ngelo xesha, babesixhenxe kuphela abaPostile ababesaphila.
- Ubupostile bamaKatolika abunako ukukhula ukuba babengekho abaPostile baseleyo.

Umxholo:

- UMprofeti uGeyer wabiza abaPostile abaliqela kwixesha elidlulileyo, kodwa ubizo olutsha lwabaPostile olwaluvele ngaye lwalungamkelwa.
- Esi sigqibo sabaPostile baseNgilani saphikisana nengxelo ababeyibeke kubungqina.
- Qho xa uMprofeti uGeyer wayesazisa iNgelosi (oko kukuthi, umphathi) webandla laseHamburg, uFriedrich Wilhelm Schwartz, ngeziganeko.
- Njengoko sikuqonda namhlanje, icebo losindiso likaThixo lalibonelela ngophuhliso olwahlukileyo kolo babenalo engqondweni abaPostile bamaNgesi.

Ukubizwa kwabapostile eJamani:

- Ekuqaleni, abaPostile uRosochacki (ngo-Okthobha 1862), uPreuss (Apreli 1863), noSchwartz (Meyi 1863) babizwa eJamani.
- Ngomhla we 30 Okthobha 1864 uMprofeti uGeyer wabiza abaPostile abane abongezelelekileyo.



- Ezi yayisisiqalo seBandla eliTsha lobuPostile, ethe namhlanje yanabela phantse kuwo onke amazwe ehlabathi.

Ukuqala ukubakho kweBandla eliTsha lobuPostile:

- Ngo-Okthobha 1862, uMbingeleli uRudolf Rosochacki, Umphathi webandla lamaKatolika obuPostile eKoninsberg, eJamani wabizwa ukuba abe nguMpostile ngumprofeti uGeyer.
- AbaPostile beBandla lamaKatolika obuPostile abazane balwamkele ubizo lwakhe.
- UMprofeti uGeyer nomphathi webandla laseHamburg, uWilhelm Swartz babeqinisekile ukuba olu bizo yayingumsebenzi kaMoya oyiNgcwele.
- Ngenxa yokuvuma kwabo uMpostile uRosochacki, nokungamkeleki kukaMpostile uWoodhouse, ibandla laseHamburg lagxothwa kwiBandla lamaKatolika obuPostile yamaKatolika.
- Kwaye njalongoko ukuqala kweBandla eliTsha lobuPostile labakhu ngomhla we 4 Januwari 1863.

Umpostile uPreuss:

- Ngomhla we 12 Apreli 1863 uMdikoni wavakalisa isiprofetho ebiza uMbingeleli uCarl Louis Preuss njengoMpostile.
- Emva kwethutyana uMprofeti uHeinrich Geyer waluqinisekisa olu bizo.
- UMpostile uPreuss wayesebenza eMntla eJamani.
- Kwakungekho nkululeko yenkolo kwingingqi yaseHanover ngeloxesha kwaye uMpostile kwakufuneka ukuba acele imvume kwabasemagunyeni yokubamba iinkonzo. Wabanjwa, wavalelwa kwaye kwafuneka ahlawule izohlwayo.
- Kwakufutshane nje emva kokubizwa koMpostile u-Preuss, ngomhla we 25 Meyi 1863, uFriedrich Wilhelm Schwartz naye wabizwa njengoMpostile ngamalungu amaninzi awayenesiphiwo ebandleni, kodwa nangomprofeti uGeyer.
- NgabaPostile uCarl Louis Preuss noFriedrich Wilhelm Schwartz, uThixo wavelisa isebe elitsha lomsebenzi wakhe apho kwavela khona iBandla eliTsha lobuPostile.



Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- Sifunde ngemvelaphi yeBandla eliTsha lobuPostile.
- Abapostile baseBhritane babengavumi ukulwamkela ubizo lwabaPostile abaninzi.
- Iqela elasekwa eJamani labiza abapostile abaliqela, phakathi kwabo inguRudolf Rosochacki kwaza emva koko yaba nguMpostile uPreuss noMpostile uSchwartz.
- UMpostile uWoodhouse wagxotha ibandla laseHamburg, kuba amalungu aluvuma ubizo labaPostile bala madoda akhankanwe ngasentla.
- Kungoko, iBandla eliTsha lobuPostile laqala ukubakho ngonyaka ka 1863.

linkcukacha ezongezelelweyo:

Ulwazi ngompostile uRosochacki othe ubizo lwakhe lwabangela isiphithiphithi...

URudolf Rosochacki wazalelwa eKönigsberg, eMpuma Prussia (namhlanje eyiKaliningrad, eRashiya) ngoMeyi 1818. Wayeyingcibi ngokwakha izindlu ngokwezorhwebo kwaye engumnini weshishini lokwakha. KwiBandla lamaKatoloka obuPostile wayenguMbingeleli kwibandla laseKönigsberg. Nge 10 Okthobha 1862 wabizwa njengoMpostile nguMprofeti uGeyer.

Kwiintsuku ezimbalwa emva kokusekwa kweBandla eliTsha lobuPostile (4 Januwari 1863) uMpostile uRosochacki waba phantsi kwempembelelo enamandla yabanye abaPostile, ababekwazi ukufaka kuye ukungaqiniseki ngemvelaphi yobizo olungcwele lobuPostile.

Ekugqibeleni waphinda wazithoba kuMpostile uWoodhouse, waza wabeka phantsi kwisikhonzo sobuPostile ngomhla we 17 Januwari 1863. Ngo-Apreli 1863 uRudolf Rosochacki waphinda wafumana uxanduva lwesikhonzo kwiBandla lamaKatoliki obuPostile awathi wayamkela ukuqhubeka nokusebenza ebandleni laseKönigsberg.

Kwincwadi yakho yomsebenzi kukho ibali elinomdla ngobomi boMpostile Preuss kwiphepha 87.



Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sisondele kufuphi kuwe

Thumela uYesu ukuze asiphuthume

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe

Amen



Amabakala abalulekileyo

Amabakala abalulekileyo